


# UBUNGOINA

 Mzalwana uDon, enkosi. Olu luhlobo lwesothuso esiquphileyo. [Umntu othile uthi, “Esihle sona.”—Mhl.] Kulungile, iyi...[“Amen.”] Enkosi, nabani okutshiloyo oko. [“Ndikwenzile.”] Enkosi, kakhulu.

<sup>2</sup> Bendizonwabele ezangoma. Bethu, ndiyakuthanda ukuva okuya! Niyazi, ndiyakuthanda ukucula okuhle, kwaye ndiva okuninzi kwako xa ndisehla ndisiza apha. Ngokuqhelekileyo andingo...Xa ndisiza ndisehla, ndibe neenkonzozo zempiliso okanye into ethile, kufanele ngahlobo luthile ndihlale ndedwa, ngokunokwam, kuze emva koko amakhwenkwe afumane ezi teyiphu. Kwaye xa ndifika ekhaya, okanye ndibe nomsebenzi wokwenza e-ofisini, emva koko ndihlala phantsi ndiphulaphula kwezo teyiphu, ndiphindaphinde. Kwaye ndiva yonke into ethethiweyo.

<sup>3</sup> Kwaye ndiyavuya ukubona uMzalwana uGerholtzer apha ngale ntsasa, umhlobo omdala weVangeli; okweminyaka emininzi egqithileyo wayephandle kulo msebenzi ukwamnye, ethandazela abagulayo, mhlawumbi iminyaka emininzi ngaphambi kokuba ndazi malunga nokuthandazela abagulayo. Kunye ke, namanye amadoda apha, abahlobo benene. Ndidibona umkhosi omkhulu apha phezulu ukusuka emnqubeni phezulu eJeffersonville. Kwaye ke sivuya kakhulu.

<sup>4</sup> Kwaye ndihlangene noMzalwana uYoung Brown. Ndathi, “Mzalwana uJack uthe igama lakhe yayingu ‘Young,’ kwaye liyamfanela.” Xa wandixelelayo wayenamashumi amathandathu anento eminyaka ubudala, kwakunzima kum ukuyikholelwa. Akakaguquki nakancinci kusukela kwityeli lokuqala apha eShreveport. Injalo lonto, ukhangeleka nje ngahlobo lunye.

<sup>5</sup> Kuhle, uThixo ulungile kuthi. Kwaye ndi—ndiyazithanda ezo, indlela zona iingoma ngale ntsasa, ngo—ngobubanzi kuyo; into ethile eyeyenene, into ethile e—e—ethela into ethile. Ungayisela. Kubenzima u—ukuziqanda ekungadandulukini kakhulu, xa ndabeva bona becula laa ngoma, malunga nento malunga neNdumiso ama-23 phaya. Ndaza ngoko—ngoko ndeza ngapha, kwaye lena ithandekayo ingoma abasundala kuyicula, isithathu phaya. Nje ukucinga nge... .

<sup>6</sup> Kukho into kuyo, othi uyive ngokuvakalelwa kwingaphakathi lakho, iimvakalelo ezingongozayo, ukwazi ukuba uBukumkani bukaThixo busondele. Zonke ezi zinto esithe sathetha ngazo kwaye samangala malunga nazo, ngoku zilungiselela ukwenzeka. Abanye bethu bangalala ngaphambi kwela xesha lifike, kodwa oko akuyi kuthintela uvuko lwethu,

ngokuba, kunika i—inyhweba yokuza ngaphambi kwabo baguqulelwe.

<sup>7</sup> “Ixilongo likaThixo liyakuhlokoma; abafele kuKristu bayakuvuka kuqala; kuze emva koko abo basaphilayo nabaseleyo.” Ingaba uqaphele ulungelelwano lovuko? “Bayakuxwilelwa phezu kunye nabo.” Sihlangana omnye nomnye ngaphambi kokuba sihlangani naYe. “Sixwilelwe phezu sonke ukuya kuhlangana nabo...kunye nabo, ukuyakuhlangana neNkosi esibhakabhakeni.”

<sup>8</sup> Yabona, Yena nguThixo, kwaye xa Yena efuna ukunqulwa, yilonto kanye eyona mvelo Yakhe iyiyo, kukunqulwa, ngokuba Yena nguThixo. Kwaye Yena uyazi ukuba sasiphaya, sijonge kwikona yeliso, ukubona ukuba omnye ongomnye uphaya, kodwa, kwaye emva koko ayisayi kuba yindlela eqgibeleleyo yonqulo olukhululekileyo. Xa simile phaya, kwaye—kwaye siyayazi siye sahlangani omnye nomnye kuqala, kwaye sabulisana omnye nomnye, kwaye emva koko siyekuma ngakuYe Obangela konke, size sicule iingoma zentlangulo! Njengoko uMzalwana uJack athe ngamatyeli amaninzi wenza intetho, “Xa iiNgelosi ziyakungqonga umhlaba, kunye neentloko ziquyidiwe, zingazi oko sithetha ngako.” Yabona, ngokuba azange zahlangulwa. Kodwa kwafanela sihlangulelwe, kwaye indlela esiyakuMthwesa ngayo uKumkani wokumkami neNkosi yeenkosi.

<sup>9</sup> Andazi emandikutsho. Bendingacinganga ngokutsho kwanto; Ndiyukile nje ndeza apha. Ndiyaqikelela lixesha lobungqina, nje ukunikeza ubungqina. Kwaye ke, ngobu busuku, iNkosi ithandile, ndiyacinga...ndijonga kudweliso oluncinci, kwaye ndi...ukwenzela ii—iinkonzo, kwaye ndiyacinga kufanele ndizise umyalezo wam ngobu busuku, kwiPasika okanye, ndixoleleni, umyalezo woMbulelo ngobu busuku. Kwaye emva koko ndifuna ukuthabatha ngoko, mhlawumbi iveki yonke, ukuba iNkosi ithandile, ukuthandazela abagulayo. Sifuna nihlangani, emva kwalombiyozo woMbulelo, wona osisikhumbuzo somhlangani omkhulu owakhe wabanjelwa apha ngelinye ixesha eShreveport, ezimbalwa...malunga neminyaka emithathu eyagqithayo, xa naba nesi sityhilelo sokuza. Yaza iNkosi yasikelela ngamandla amakhulu apha kulamhlangani! Kwaye ndi—ndiyathemba ukuba iNkosi iyakuqhubeka, kwaye kunga kungabakho imiphefumlo apha esindiswayo lide igama lokugqibela libe seNcwadini kwisikhululo esikhulu soshicilelo lukaThixo oseNyangweni, abo bamkele uKristu njengoMsindisi, bazaliswa nguMoya Wakhe.

<sup>10</sup> Ngoku masithobiseni nje iintloko zethu umzuzu. Ndinga ngeSibhalo apha.

<sup>11</sup> Nkosi uYesu, singabantu abanombulelo kakhulu ngale ntsasa, kodwa noko asinasakhono saneleyo ekuzivakaliseni.

Ukuba iintliziyo zethu zinokunikeza indlela koko thina—oko sifuna kona, asiyazi indlela ebesinokuziphatha ngayo. Kwaye phaya, kuyamangalisa, Uthe, “Akusayi kubakho gumbi laneleyo ukuqulatha intsikelelo ayakathu uThixo ayithulule phezu kwethu.” Kwaye sinombulelo ngoku. Kwaye siyathandaza nje, Nkosi, njengoko sithobisa iintloko zethu ekuhloneleni Wena, okokuba Uyakwamkela umbulelo wethu. Kukho izinto ezininzi kakhulu esifanele ukuba nombulelo ngazo, kwaye asinakuzivalalisa zona, kodwa siyatsho nje, “Makubulelwe kuThixo!”

<sup>12</sup> Kwaye ngaphezu kwezinto zonke esonombulelo ngazo, sesa Siphosikhulu sikaThixo ehlabathini, xana uThixo wanikela ngoNyana Wakhe, ukwenzela indlela yentlangulo yethu. Sinombulelo kakhulu ngako Oko! Kwaye siyakwanga oKuya, kwaye kusukela. . . Nkosi, ndingakhumbula, kusukela ndiyinkwenkwe encinci, Oko koko endaphilela kona. Kwaye ngoku njengoko ndisaluphala, ndisazi ukuba ilanga liyakutshona nje, hayi amatyeli amaninzi, de ndiyakubizwa, kwaye, oko ndikuphileleyo, ndiyakuyakukonwabela. Ndiyazi, Nkosi, ukuba kukho abafu abaninzi bakuthi boBukumkani obukwakunye, nabo abalindeleyo, ngale ntsasa, okokuba oko kufike. Kuba, oko esithe sathabatha uhambo lwako, ukumkhonza Yena nokuzama ukuqhubela abantu bakuthi kuBomi baNaphakade, laa yure inkulu iyasondela kwamsinya. Thina ngandlela ithile siyayiva ngokuvakalelwa ezantsi kuthi, okuba yona—isondele kakhulu kunokuba mhlawumbi sinakho ukucinga.

<sup>13</sup> Kwaye siyathandaza ukuba Uyakusisikelela ngoku, kwaye uqhubeke ngeentsikelelo Zakho obe Wena usinika ngale ntsasa. Kwaye ngoku njengoko sifunda indawana yeLizwi Lakho, okanye umqolo okanye emibini, siyathandaza okokuba uMoya omkhulu oyiNgcwele uyakuthabathela le miqolo, nobungqina, kuzuko Lwakhe. EGameni likaYesu siyathandaza. Amen.

<sup>14</sup> Ndiye ndacinga ngendawo apha, ndiyakholwa ifumaneka kwa—kwabaseKorinte, kwabaseKorinte Besibini isi-9, umqolo we-14, nowe-15.

*. . . ngemithandazo yabo ngani, benilangazelela . . .  
oluncamisileyo ubabalo lukaThixo kuni.*

*Makubulelwe ke kuThixo ngenxa yesipho sakhe  
esingenambaliso.*

<sup>15</sup> UPawulos, apha ethetha ngenceba kaThixo ekuni, iSiphosingathethekiyo, soMoya oyiNgcwele, ohleli ebantwini. Wayebulela uThixo ngoko babenako, uMoya oyiNgcwele weyeze phezu kwaba bantu, iSiphosingathethekiyo sikaThixo, sityebe kakhulu kwaye sinyulu.

<sup>16</sup> Ngoku, a—andinayo kwanto engqondweni yam, ngokuchanekileyo, ke ndicinge ngahlobo luthile ndiyakunikeza

ubungqina obuncinci bamava am noKristu kwiintsuku ezimbalwa zokugqibela. Ibe iyenzuko kakhulu!

<sup>17</sup> Bonke ubomi bam, enaziyo ngabo. Nindivile, abaninzi benu. Kwaye bendicinga ndiyakutsho oku ngabanye babantu bomnquba abahleli apha. Kwi...Ibandla lam emnqubeni lenziwe zizizwe ezintathu, ngentsasa, xa sithetha; iMexico, iCanada, i-United States. Phantse bonke kufutshane... Apha ngenye imini kwakukho amashumi amabini anesibhozo ezizwe ezahlukeneyo, kwencinci inkonzo yesikolo seCawa, yabona, amashumi amabini anesibhozo ezahlukeneyo izizwe zimelwe. Ndifuna ukukutsholo oku eluzukweni lukaThixo. Ekuhambeni, ndicinga ukuba...Ngomthandazo nezibongozo, ekubeni ngabalahlwa-ngaphandle njengoko sinjalo, saliwe libandla lehlabathi, elibizwa njalo namhlanje, la mnquba ukhulile waba yeyona inamandla intloko-dolophu yenceba kaThixo, yayo nayiphi indawo endiyaziyo ehlabathini. Andizange ndabona enjalo, yeNkosi eyenza phaya. Yona nje yengathethekiyo, indlela, oko Akwenzayo phaya, nje kwintobeko, nje abantu bengena ukusuka ndaweni zonke. Kwaye sinombulelo ngesa sikhululo sincinci, apho abanye babantu kwisizwe bahlanganayo ukwenzela ukonwabela ubabalo, kunye—kunye nokwandisa ubabalo kwabanye.

<sup>18</sup> Ngoku, bonke ubomi bam, kukhangeleka ngathi ndafuna ukuya eNtshona. Kwaye abaninzi benu bawafundile amabali baza beva iiteyiphu.

<sup>19</sup> Ulungiselelo lweteyiphu liyinto yehlabathi lonke, ndaweni yonke. Ndicinga yindlela enye kaThixo anayo ukusasaza uMyalezo emva kwimihlaba yabahedeni, emva apho ifanele itolikwe khona. Kwaye eJamani, nanjalo njalo, baneeteyiphu eziya kumabandla abo, yamakhulu ngamakhulu abantu; baze bafake izinto ezincinci ezindlebeni zabo, bayifake kwiteyiphu. Kwaye nje ndiyathetha, umlungiseleli uyema phaya esenza imvakaliso ekwanye, kwaye ngezinye iilwimi, aze ayizise phambi kwamakhulu. Kwaye amakhulu ayasindiswa kwaye aphiliswe, ngazo nje eziteyiphu ziya kwihlabathi lonke. Zonke kwisiNgesi, kodwa ekubeni zitolikiwe ngezininzi, ezininzi iilwimi ezahlukeneyo kwiintlanga kwihlabathi lonke. Siyeva kubo, emva ngembhalelwano.

<sup>20</sup> Kwaye ngoku ndiyakutsho oku, izakuba bubungqina obubobam ukwenzela uzuko lukaThixo, Okokuba kunokwenzeka ukuba niqonde kubusuku obuzayo, oko ndifuna ukukutsho, ukuba iNkosi ithandile. Niyakukuqonda. Njengoko bendizama ukutsho kubusuku obugqithileyo, ihlabathi lifika kwindawo eliphasalakayo, ngokwezopolitiko, ezokuhlala, ezomnotho.

Uthi, "Ezomnotho? Imali eninzi!"

21 Ewe, kodwa isuka phi? Sibolekwa kwirhafu eyakuhlululwa kumashumi amane eminyaka kusukela namhlanje. Lihlwempuzekile. alinamali, isizwe; hayi esi sizwe, kodwa zonke zazo. Kwaye akukho ndlela nakanye yokuyibuyisela emva. Kwaye ngumgibe obekwe ngqo ukujiwuzisa esi sizwe kwinto ethile. Kwaye nonke kuni nilumkile koko. Kuhle, ngubani onobutyebi beli hlabathi? Ngubani obuphethayo? [Umntu othile uthi, “IRoma.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo, injalo. IRoma ibuphetha. Kwaye nanini na sisenza, xa sihlupheka, endaweni zaba barhwebi bakhulu, icuba, igrangqa, nanjalo njalo, nje. . . Kufuneka sifumane imali; into ekufuneka siyenze, mhlawumbi siguqule uhlobo lwemali okanye siboleke imali. Kwaye, xa bekwenza, bubuzibulo buthengiswa kanye emva, ngqo, nje ngokugqibeleleyo, kwaye nje oko iSibhalo sikutshoyo malunga nayo.

22 Ndingathanda ukufumana indawo ngaxesha lithile, iNkosi ithandle, xa intente ifika ekubonakaleni. Kwaye ndiyakholwa ukuba kwamsinya ngoku, kwamsinya ndiya kwilizwe ngokubanzi. Ndinemihlangano yelizwe ngokubanzi ezayo ngoku. Kwaye ndiyathanda ukufumana indawo apho ndinokuhlala phantsi kangangamalunga neeveki ezintandathu, kwaye nje ndithabathe ezi zinto ndiziphengulule, niyabona, emva naphambili, ngeSibhalo.

23 Kwaye iyamangalisa ukubona iyure esiphila kuyo! Iyandoyikisa. Iyandoyikisa, hayi ngokuba. . . Entliziyweni yam, iintsimbi ezikhalayo zovuyo ziyakhala, ekwazini ukuba uKuza kweNkosi kusondela kakhulu. Kodwa okundoyikisayo, kukwazi ukuba abaninzi kakhulu abayilungelanga iyure esijongene nayo. Leyo yindawo embi.

24 Bangaphi abakhe beva ibali malunga noonomatse phezulu phaya ngela xesha? Abaninzi, owu, kakade, ndiyaqikelela, ndaweni yonke. Into encinci enjeya ngaleya yenzeka ngenye imini. Kwaye mna nda. . . Nilivile ibali malunga neentaba, ukwehla, xa iNkosi yabhala ezo zinto entabeni ngenye imini. Obam, obam ubomi bam. . .

25 Andingomshumayeli. Wonke ubani uyakwazi oko. Andingomshumayeli. Kodwa kwenziwe kwi—imo yokomoya, ko—kokubukela izinto nokubona izinto zishukuma, nokulumkisa abantu kwantlandlolo ngezinto ezizakwenzeka. Kwaye nje iyi. . . Olo luhlobo endenziwe ngalo. Andinakunceda okuya, hayi ngaphezulu kunokuba unokunceda indlela owenziwe ngayo. Kodwa uThixo usibeke, ngamnye kuthi, eMzimbeni, ukuba senze izinto ezithile. Kwaye ndiye ndabukela nuyiphi encinci intshukumo, yoke injongo, wonke umnqweno, kuba yonke into ilawulwa yi. . . ilawulwa ngumoya.

26 Eli bandla labekwa apha ngesizathu. Kukho umoya emva kweli bandla. Ngokuqinisekileyo. UMoya emva kwekhaya

yakho, emva kwaso sonke isakhiwo. Emva kwayo yonke into phaya ngumoya, ngumnqweno, nenjongo. Ibandla liza apha ukuza kuphakamisa kakhulu inkqubo yomntu okanye into ethile, ngoko umnqweno walo awulunganga; kodwa ukuba ibekwa apha ukuzama ukuzuza into ukwenzela uBukumkani bukaThixo, ngoko umnqweno nenjongo, zombini, zilungile, ukuba umnqweno usiwa kula ndlela.

<sup>27</sup> Ngoku, bendicinga, kusukela ulungiselelo, kwaye esokuqala, esesibini, nesisithathu isigaba solungiselelo. Xa ndaqala ukuza eShreveport, ndanixelela nina bantu ukuba iNkosi... niyakubeka izandla zenu phezulu, ngokufana phezulu kwesandla sam, kwaye iyakubonakalisa into ekwanye. Kwaye uMoya oyiNgewele zange wasilela nanye into, kodwa oko wanichazela ngqo oko kwakungalunganga ngani. Ndanixelela ngoko, oko. Wandixelela ngala mini, okokuba, “Kuyakubakho ixesha lokuba xa usazi ezona mfihlo zentliziyo,” ekungazini okokuba iLizwi lithi oko kuyakuba njalo. Ndandingakwazi oko. Kodwa iLizwi liyatsho ukuba, “iLizwi likaThixo nguMcaluli weengcingane nezicamango zentliziyo,” amaHebhere, isahluko se-4.

<sup>28</sup> Ngoku, ela Lizwi, niyabona, ungaze ulishiye ela Lizwi. Kufuneka uhlale ngqo kunye nela Lizwi, indlela elibhalwe ngaLo. Sukufaka toliko lokuzenzela kuLo. Litsho nje ngendlela eLibhalwe ngayo. Elo liLizwi likaThixo, kwaye lowo nguThixo. UThixo neLizwi Lakhe yinto enye, nje into enye.

<sup>29</sup> Kwaye njengoko nditshilo phezolo, kukho ingxenye yeLizwi laso ngasinye isigaba. Kwaye kukho intambiso ethile eyehlelo, ebonakalisa la ngxenye yeLizwi lesa sigaba. Kwaye uyabona apho sikhoyo namhlanje. Funda oko sifanele sibe siyakwenza, emva koko uyakukwazi sikude kangakanani. Ndibona into enye kuphela eselelo, uKufika kweNkosi uYesu, nangaliphi ixesha, uXhwilo lweBandla, kwaye kufanele sihlangane naYe esibhakabhakeni. Ngoku ezi zinto kufanele zenzeke kulo mhla, njengoko Yena wathembisayo ukuba Uyakuyenza.

<sup>30</sup> Kwaye ngoku malunga neminyaka emihlanu eyagqithayo, emva koko iyenzile indawo yayo. Ngasinye sezo zigaba zilikhonzile ixesha laso. Kwaye Yena unikeza imibono, kwaye abaninzi benu baphulaphuli beeteyiphu, kunye nanjalo njalo, niyazi ukuba kwakuza kuza esinye futhi isigaba, kwaye Yena wakuzoba lula oko ngokugqibelele kakhulu. Kukho amadoda ahleli kanye apha ngoku, endijonge kuwo, ayephaya kanye kwaye ayibona isenzeka nje ngokugqibelelelo njengoko ndakhe ndayibona ebomini bam. Kwaye ade athabatha nokuthabatha imifanekiso yaYo, yoko iNkosi uThixo yathi kuyakwenzeka. Kwaye saya kanye phaya, kwaye nantso Yayilapho, kanye ngqo ngohlobo Ayitshiloyo. Nje malunga . . .

<sup>31</sup> Nje ngoMatshi i-17, umba kaMatshi kalindexesha u*Life*, niyasibona esa sangqa soKukhanya esibhakabhakeni, amashumi amathathu eemayile ukunyuka, amashumi amabini anesixhenxe eemayile ukunqumleza. Kutheni, ukufuma kumalunga nesithoba ukuphakama, kwaye abanakho kwaphela ukuqiqua ukuba yayiyintoni.

<sup>32</sup> Kwaye kumile kanye phantsi kokuya, indoda ehleli ikhona ngoku kanye, yayimile kanye ecaleni kwam, xa iiNgelosi ezisixhenxe zehlayo zeza zisuka kuThixo, ngokubonakalayo kanye phaya, zaza zandixelesa malunga nesiphelo sexesha, kwaye ezi zityhilelo nezinto zeNcwadi yeZityhilelo, aMatywina aSixhenxe, kwaye zathi, “Buyela ekhaya, nganye nganye iyakuzisa uMyalezo.” Oko, oko kunjalo. Kwaye Yenyuka, yaza yaqalisa ukujika ibe mhlophe njengoko Inyuka, ukunyuka; kunye nogqabhuko-dubulo olwancangcazelisa iintaba, de amatye, umlinganiselo we—lwe—ibhakethi, lawa ukusuka ezintabeni, ngolwa hlobo.

<sup>33</sup> Kwaye kwakungekho nto kufutshane. Nkqu nephephandaba lathi lahlola ukuze libone ukuba ingaba kwakukho ingxolo yesandi, okanye inqwelo moya, okanye into ethile. Kwakungekho nto, kungekho nqwelo moya phezulu, kungekho nto. Ngaphandle koko, isandi senqwelo moya asinakwenza lanto.

<sup>34</sup> Kwaze emva koko yachazwa kwantlandlolo iyakuba ngala ndlela, iinyanga ezintandathu phambi kokuba yenzeke, iinyanga ezintandathu. Kwaye nantso Yayilapho. Kwaye inzululwazi iyiphanda namhlanje, kanye phaya eTucson kunye nendawo ezahlukeneyo, abanakho ukuqonda yayiyintoni phezulu phaya. Ngoko ukuba uyakufumana ulindexesha uze ujonge, unganakho kwa ukubona ubume beempiko Zazo zisekhona phaya njengoko Zazinyukela phezulu, iiNgelosi ezisixhenxe. Kwaye siyazi ukuba ezi zinto zilungile, zihlobo. Owu, ukuba kwakhe kwakho ixesha ibandla kufuneka libe sekunyanisekeni okunzulu, kufanele kube Kanye ngoku. Ngoku!

<sup>35</sup> Kodwa nje, Yenze into kum, kwisiqu sam. Malunga neminyaka emihlanu ngoku, ndibe ndimangele yintoni engalunganga. Ndiye ndavakalelwa entliziyweni yami ngokungathi nda—ndandintlithekile kunye nento ethile, kwaye nda—ndandingenakho ukuyazi yayiyintoni. Ngexesha lokuntlitheka okukhulu, kunye nanjalo njalo, ndaye nje ndayabula ukujikeleza nokujikeleza, ukunqumla isizwe.

<sup>36</sup> Kwaye urhulumente wandifaka phantsi kophando ngokuba, xa sinemihlangano, umntu othile ubhala itsheki “William Branham” kwaye nje ndiyayityikitya ndize ndiyibuyisele. Kwaye emva koko safumana isixa sayo yonke—yayo yonke imihlangano yethu, kwaye xa bajongayo ngako okuya baze bafumanisa ukuba iye ekuhlawuleleni umkhankaso. Kodwa, njengoko ndandityikitye igama lam kuyo, ndayazisela egameni lam

itsheki, kwaye bafumana mna ndi “tyala urhulumente amakhulu amawaka amathathu eedola.” Kwaye bebengayi kundivumela ndihambe, kwaye ndafanela ndihlale apha, kunye nanjalo njalo, ukwenzela ixesha elikhulu lokuphanda kuko konke oku. Kwaye—kwaye andinjalo, yonke into yaya. . . Bathi, “Ewe, iye kumkhankaso, kodwa abantu bayenzela kuwe itsheki. Kwaye, xa uyigunyazisa, uzibandakanyile wena kunye netsheki, kwaye utyala irhafu kuyo. Ukuba wakhe wayibamba okomzuzwana esandleni sakho, iseyeyakho ngokuba uyigunyazisile.”

<sup>37</sup> Bendingayazi. Andibazi bonke ubuxhakaxhaka balo mthetho kunye nezinto. Bendifanele ndibe nesigximbizo ukuze ndiyigximfize, endaweni yokuyityikitya. Xa ndayityikityayo, ithetha ukuba yeyam. Kwaye emva koko baqhaqha ipasile baza bafumanisa, phaya, yayifakwe kanye kwingxowa mali yaza yasetyenziswa ngolwahlobo. Nditsala umrholo ebandleni lam, weedola ezilikhulu ngeveki. Nakuya kuhleli umthenjwa, ehleli kanye phaya, owaziyo ukuba okuya kulungile. Kwaye kuko konke endikufumayo kokwakuya. Kwaye, ngenye indlela, iya ngqo emkhankasweni.

<sup>38</sup> Ngoku, ndiye ndaziva ngathi ndityunyuziwe, kwiminyaka emine okanye emihlanu egqithileyo. Kuhle, ndenyukela eCanada, nje kungekudala, kuhambo oluncinci lokuya kuzingela. Kwaye xa ndakwenzayo, iNkosi yandiceda phezulu phaya ukukhokelela uhlanga lonke lwamaNdiya kwiNkosi uYesu. Kwaye kufanele ndibuyele emva xa u—umlanjana ukhululeka, phezulu phaya, kunye nezinto, ukubhaptiza uhlanga lonke, eGameni leNkosi uYesu; ngenxa yempiliso yomfazi weNdiya esifa luhlaselo lwentliziyo, awathi umpristi akabinakho ukuya kuye, emva lee emahlathini apho kwafuneka ndikhwele iiyure, ihashe. Kukho abo abahleli apha ngoku, ababekho xa yenzekayo.

<sup>39</sup> Kwaye ngoku, ngoko, ukwehla, kwafuneka ndimise eColorado, ukuze ndityelele abanye babahlobo bam phaya, abanye abalungiseleli. Ndi—ndingumkhokeli emahlathini eColorado, kwaye ndandibasa kuhambo lokuzingela. Amabini okanye amathathu waloo madoda, amathathu okanye amane, amahlanu awo ahleli apha kanye ekhona ngoku ukukwazi oku. Kwaye kube komile kakubi kakhulu eColorado ngalo nyaka, njengoko kube kunjalo ukunqumleza isizwe. Kwaye imililo ibe kakhulu. . . izakuba mibi kakhulu, ke balulibazisa ixesha lokuzingela okwethutyanana.

<sup>40</sup> Kodwa ngelixa sasiphezulu phaya, kwafika umbandela wokuba—wokuba kwakuzakufika uqhwithelo olunekhophu. Kwaye kuyingozi ukuba sezintabeni ngela xesha, kuba ngamanye amaxesha ndibonile ubungenakho nokubona isandla sakho phambi kwakho, kangangeeyure emva kweeyure, kwaye iinyawo ezingamashumi amathathu ekhophu efumbile ngaxesha linye, nje kwiiyure ezimbalwa, kanye phezu kwakho.



Uyatshabalala. Ke ndabaxelela abazalwana bam, ngalaa ntsasa xa sasimka, ndathi, “Ngoku uqhwithelo olunekhephu. . .”

<sup>41</sup> Eneneni ikhulu lamadoda, okanye ngaphezulu, ayesemva kwethu. Kwaye naku kusiza iimoto ijipu, izigadla, nayo yonke into iphuma, ngokuba babesazi okwakuzakwenzeka. Akuzange kubekho mntu usalela ngasemva, kodwa umalusi weenkomo ngokwakhe emva phaya, ntoleyo, uchitha ubusika emva phaya.

<sup>42</sup> Kwaye sasikukuphela kwamaqabane, kuphela kwesigadla, esasalayo. Ndaza ndababuza abazalwana. Bathi, “Sizakuhlala.” Ke ngoko, “Kulungile,” Ndathi, “ngoku lungelani.” Saza saphuma safumana. . . umlungiseleli waseWisile ndaza ndaya ndayokuthabatha esininzi isonka nezinto, ke saba nokuyifumana; yayimalunga namashumi amathathu eemayile ngaphakathi nangasemva. Ke siyabuya, uMzalwana uJohn kunye nabo bahleli apha, bakuva oko baza bemka; baphuma ngela xesha, lwaza uqhwithelo olunekhephu lwantlitha. Kodwa sasizakuhlala, kwaye ndandizakuya eTucson ukwenzela umhlangano, ndaza ndatsalela umfazi wam ndamxelela ukuba siye saba. . . ukuba andifikanga phaya, avumele omnye umntu ongomnye athabathe indawo yam.

<sup>43</sup> Kwaye ngentsasa elandelayo saqalisa ukuphuma. Ndathi, “Ngoku, ityeli lokuqala,” kwakukho amafu, “niva imvula isina, okanye nantoni na, buyelani ekampini ngokukhawuleza kanganokuba ninakho, kuba ngemizuzu elishumi, imizuzu elishumi elinesihlanu, anisayi kuyibona indlela yenu ebuyela emva kwakhona.” Kwaye ke ndenza amadoda abekwe ngaphandle, ndaza ndenyukela ngaphaya kweqolo, ndisenyuka, ndizama ukuqhubela ixhama kubo.

<sup>44</sup> Kwaye ndandineentsuku ezimbalwa ngaphambi koko, ndidubula umpu wam, ezantsi eTucson. Ndibuyela emva phaya, ndawugibisela kancinci ngasekunene. Ndadubula imbabala enkulu endabe ndikhangela yona iminyaka emininzi, kwaye yayibetha phezulu kakhulu, kwaye yayifele ezantsi phaya ndaza andabinakho ukuyifumana, imo yezulu yayisiba mbi.

<sup>45</sup> Ndacinga, “ndiyakubaleka ndiye kujonga.” Kwaye xa ndafikayo phezulu phaya entabeni, ndaqaphela imvula, ukhithiko lusiwa, kunye namaqabaza amakhulu ekhephu, umlinganiselo wedola esiliva, nje esasazeka kuyo yonke indawo kunye nomoya uphinyela. Ndayazi wonke umntu wayebaleka, ebuyela ekampini ngoko. Kuhle, ndalinda ithutyana, ndaza ndacinga, “Andisokuze ndilifumane eli xhama ngeli xesha, phantsi kwesi isaqhwithi.”

<sup>46</sup> Ke sahamba, siqalisa ukwehla ngentaba, nje ukubanakho ukubona malunga neshumi leenyawo phambi kwam. Kwaye malunga. . . Ndandimalunga neemayile ezine okanye ngaphezulu, ukuba ndifike endaweni. Ndisazi, ndehla ukusuka entabeni, ndilazi ilizwe kakuhle, kuba ndalusa iinkomo phaya

iminyaka ngeminyaka. Ukwehla ukusuka entabeni, ndafumana malunga nesiqangatha seemayile ukusuka emthwaleni, yalapho ukunqumla *ngoluhlobo*, ukunqumla ifama apho ndandikhona. Kwaye nako. . .

<sup>47</sup> Ndabe ndisiva lowa umbi kakhulu umthwalo. “Ndalila. Ndathandaza. Ndahlambulula. Yintoni endinokuyenza? Yintoni leyo ndiyenzileyo?” Njengokungathi wenze into embi kakhulu; njengokungathi uvisa umntu kabuhlungu, kwaye usazi ukuba ufanele uyilungise. Yayiyintoni endandisohlwayelwa malunga nayo? Ndandingazi. Ndathi, “Nkosi, ukuba Uyakuyityhila kum, ndiyakuyilungisa. Kodwa yintoni endiyenzileyo kuphela ukuma ndishumaye, nokwenza konke oko bendikwazi ukuba ndikwenze? Kwaye ndizamile ukuphila cocekileyo, cacileyo, kwaye nje ngokwaMazwi Akho. Kodwa yintoni endiyenzileyo?” Kwaye futhi laa mthwalo ubungayi kusuka, unyaka emva konyaka. Ndacinga malunga nawo entabeni, ngala ntsasa, ndaza ndaqalisa ukwehla.

<sup>48</sup> Usuku phambi kokuba ibe sisikhumbuza sokutshata kwam, naso, umfazi wam kunye nam sasitshate amashumi amabini eminyaka ngaphambi kokuya. Kwaye andizange ndibe sekhaya ngesikhumbuzo somtshato wethu. Kwaye ndandisoloko ndisenyukela entabeni, indawana encinci apho kukho isirhubuluzi esirhwatshazayo. Unyaka wokuqala sitshatile, ndandingenamali yaneleyo ukumsa kulonwabo lwabasandula kutshata, ukwenzela uhambo oluncinci, kwaze emva koko ndithathe uhambo lokuyakuzingela ngokunjalo, ke ndathabatha umfazi wam ndamsa kuhambo lokuya kuzingela ukwenzela ulonwabo lwabasandula kutshata. Ke oko kwakhangeleka, uhlobo lokufumana lona, ukufumana zombini ngaxesha linye.

<sup>49</sup> Kwaye ndakhumbula, umfo omncinci, nda—ndamfunqula ndamqabelisa phezu kwezigodo, kunye nezinto. Saza safika kwindawo encinci, ndaza ndamfota, kwaye isoloko iluhlobo lo—uhlobo lokulungileyo. Ndicinga ngokuya, kwaye ndicinga ngeenwele zakhe ezimnyama nendlela awayemhle ngayo; kwaye ngoku zingwevu kwaye nje embalwa iminyaka iyenzile kuye.

<sup>50</sup> Ndacinga, “Ndiyakholwa ndiyakunyukela phaya, kodwa ku—kuzima kakhulu.” Ikhephu lalinzima kakhulu ngoko.

<sup>51</sup> Ndandisazi kufanele ndingene, ngokuba babenze isaziso, “Uqhwithelo olunekhephu endleleni!” Babenzile isaziso kwisizwe sonke. Andazi nokuba uTom Simpson uhleli apha ngale ntsasa, okanye hayi. Ukwehla ukusuka eCanada, wayexelelwa ngunomathotholo, ukuba angahambi ngelizwe konke konke. Wonke umntu wathi, “Ungahambi phaya. Hamba ngenye indlela, kuba uqhwithelo olubi olunekhephu luyatshayela lunqumla.”

<sup>52</sup> Ndaza ndaqalisa ukwehla ngentaba, ndicinga malunga nayo, namalunga nentsimbi yeshumi kusasa. Kwaze ngesiqophe, nje

ngokucacileyo njengoko uliva ilizwi lam, iZwi lathi, “Yima, uze ujike ubuyele emva.”

<sup>53</sup> Ngoku ndandingenakukuchaza oku phakathi kwabantu abangabangakhohwayo. Ufanele uyichaze kumakhohwa, kwaye emva koko, ngokuba oku, abangakhohwayo abasokuze bayiqonde. Ufanele ube nengqondo ekumoya ukuze uqonde izinto zikamoya. ILizwi lingumoya. Likukutolikwa okungumoya. Kwaye Li—LiLizwi likaThixo. Ndaza ndema, ndacinga, “Ukuba ndibuyela emva phezulu phaya, esinye isiqingatha semayile emva phezulu, isaqhwithi sivunguza njengokungathi si. . .”

<sup>54</sup> Kwaye uDavid Wood wandenzela isandwatshi, kwaye, yayiyiyo! Ndiyacinga wayephindisa kum ngokwenzele uyise enjalo, ngelinye ixesha. Sasingenanto kuphela amatswele athile kunye nobusi nesonka, kwaye, ndazidibanisa zonke, senza isandwitshi. Kwaye wayenganakho ukuyitya eyakhe. Kwaye ndiyacinga wayezama ukuphindisa kum ngokokuya, ke wabeka. . . A—andiyazi hlobo luni lonke a. . . Kwaye ukuya entabeni, imvula isina ngokukhawuleza kakhulu, yabamanzi, kwaye yaba sisinyamfu esikhulu. Ndacinga, “kulungile, ndiyakutya okuya ndize ndilinde.”

<sup>55</sup> Kwaye ngelixa ndandimile phaya, ndacinga, “Okokubungeyonto. Ndiyaziqikelela nje. Ibingumoya, mhlawumbi, ububhudla, uphinyela phakathi kwemithi.” Ndaza ndaqalisa ukuhamba. Andabinakho nje ukuhamba. Ndacinga, “Kuhle, ndi—ndiyakhohwa ndiyakubuyela emva.”

<sup>56</sup> Ndaze ndaYiva kwakhona. “Buyela emva apho usuka khona.” Yakutsho oko. Ndaqalisa ukunyuka intaba, ndema. Ndaza ndacinga, “Mhlawumbi nda. . .” Nda—ndandisoyika ukubuyela emva apho ndandikhona, ngokuba u—umoya wawumbi kakhulu.

<sup>57</sup> Ngamanye amaxesha uThixo usenza senze izinto ezi—ezikhangeleka ziyingozi kakhulu kwaye ziphume emgceeni. Malunga naphi uMoses ekunye nalantonga, esihla esiya kubhukuqa iYiphutha? Kwaye yonke into siyifumana ngokolwahlobo, okokuba uThixo ucela izinto ezingenakwenzeka, yabona, ukuze Yena enze ezingenakwenzeka, okokuze umntu ayazi ukuba asinguye; nguThixo oyenzayo.

<sup>58</sup> Ndabuyela emva kumphezulu wentaba kwakhona, ndifumana indlela yam ekubhudleni, imithi evikivekayo. Ndahlala phantsi ndaza ndathabatha umpu wam, ndakhusela indawo yokujonga ekubeni. . . phezulu ngolwahlobo. Ibhethu labaleka kwelahlobo lwexesha. Ndaza ke ndabeka into yam yokujonga phantsi kwehempe yam, ngoluhlobo, ndahlala phantsi okwethutyana. Ndacinga, “Yintoni endiyenzayo, ndihleli apha?”

<sup>59</sup> Kodwa uThixo usebenza ngendlela ezintsonkothileyo, Imimangaliso yakhe Uyayenza. Iyagqitha ekufumanekeni, kwingqiqo yenyama. Abasokuze bafumana nofifi lwayo. Kwaye njengoko ndabuyela emva phezulu ndahlala phantsi, ndihleli phaya ndicinga ngoThixo. “Andazi kutheni ndibuyele emva.” Ndacinga, “Bethu, ixesha endifika ngalo emazantsi enduli, esasaqhwithi siba sesoyikekayo kakhulu lonke ixesha, sisondelela, ubungenakubona kude phambi kwakho.” Kwaye ngoku ukuba wena . . .

<sup>60</sup> Akudingeki ukuba ukholelwa oku, kodwa oku yinyaniso. IZwi lathetha nam, lathi, “NdiyiNkosi uThixo. Ndadala amazulu nomhlaba. Indalo iyandithobela Mna.”

<sup>61</sup> Ndaza emva koko ndahlala phaya ithutyana, ndothula umnqwazi wam. Laza ela Zwi, ndaweni ithile, andibanga nakho ukuLibona. Kuphela kwento, ndibe nakho ukuLiva. Lalilapho kuyo imithi, ndaweni ithile. Ndacinga. Ngokwesiqhelo ubona okwakuKhanya enithi nonke nazi malunga nako, ngokwesiqhelo Kuphaya kodwa ndakhangela ndaweni yonke kwaye andibanga nakho ukukubona uKukhanya. Ndathi, “Uphi na Wena, Owu Thixo, Mdali wam?” Ndabhekabheka. Andibanga nakho ukuLiva kwakhona, ukuva iZwi Lakhe. Ndalinda imizuzwana.

<sup>62</sup> Wathi, “NdiyiNkosi uThixo endakwenza wathetha abo nomatse babakhona.” Kwaye nonke niyayazi malunga nayo. Kwaye ndincede, kunye nale Bhayibhile phambi kwam, kule ntsasa yoMbulelo, ukuba oko akuyonyaniso, uThixo angandibetha ndife eqongeni ngoku. Yabona, yinyaniso. UsenguMdala nje kangako, uThixo—uThixo onokubonelela inkunzi yegusha u-Abraham, angabonelela. UsenguJehova-Jireh. INkosi inakho ukubonelela!

<sup>63</sup> Wayifumana phi u-Abraham lankunzi yegusha? Khangela, uhambo lweentsuku ezintathu ukusuka kwimpuncuko, ukunyukela kumphezulu wentaba, apho kungekho manzi okanye kwanto. Kwaye wayenesidingo senkunzi yegusha, kwaye nantso inkunzi yegusha ibambekile entlango, ngeempondo zayo. Waza u-Abraham waya wathabatha ilitye, konke phaya ukwenza esi sibingelelo; kodwa uThixo usahleli enguJehovah-Jireh, iNkosi iyakuzibonelela ngoKwayo, okuya.

<sup>64</sup> Nantoni Yena ayithembisileyo, oko Unakho ukuyenza! Elo lela Lizwi kuMateyu phaya, ndiyacinga, uMarko 11:22, “Ukuba nithi kule ntaba.” A, andizange ndibe nakho ukukuqonda oko. Niyalazi ibali malunga nako.

<sup>65</sup> Kwaye, ke ndincede, oko yinyaniso. Wathi, “NdinguLowo owabonelela ngoko, abo nomatse,” Watsho. Ngoku xa . . . Ndaphulaphula kwakhona, ukuze ndibone oko Ayakukutsho. Akwabikho nto iyekayo; umoya wangxola nje, waqhubeka. Kwafuneka ndi—ndizilume, kuba . . .

<sup>66</sup> Mandinixelele into. Ingqondo yokomoya ngenenene linyathelo elinye ukusuka ekuphambaneni. Ingaba benikwazi oko? Uphando lobunzulwazi luyakunixelela oko. Apha usezantsi *apha* ucotha kwaye urhūqeka; uze emva koko unyukele kancinci kumoya, emva koko uba malunga *ngolu* hlobo; uze emva koko uye ube lizembe elibuthuntu; kuze emva koko ube sisitshetshe esiloliweyo. Ngoku uyalazi icala oyakuwela kulo phaya. Ukuba umntu uzama ukuziphakamisela phezulu phaya, ngokuqinisekileyo uyakuya kwicala elingalunganga. Ukuba uThixo uyamphakamisa phaya, ukude kakhulu ukuba ngaphezulu kumntu wesiqhelo. Phaya kulapho imibono nezinto ziqhekekayo. Phaya kulapho ubuKumkani bukaThixo bukhona. Iimbongi, abaprofeti, kunye nabo bonke babebalelwa njengabaphambanayo.

<sup>67</sup> UYesu ngokwaKwakhe, wayebizwa, “indoda ephambeneyo.” Wathi, “Siyayazi Wena uphambene kwaye unedemoni.” *Ukuphambana* kuthetha “impambano.” Jonga kuzo zonke iimbongi nabaprofeti kwizigaba, wayebalelwa ngokuba, ukuya kugqithisileyo ukuzama...Zama, ukuba uzama ukuzitsalela phezulu phaya, umkile, akusokuze uphumelele. Ithabatha iSandla esihlayo sisuka eLuzukweni, ukuba sikubambe ekupheleni phaya, phakathi kwento ezilungileyo nezingalunganga. Kwaye ukuma kuzo iziphelo kulapho ujonge ngaphaya kuMhlaba woBulungisa.

<sup>68</sup> Emva koko kulaa yure kanye, Lathetha kwakhona, kwela xesha kanye likwalinye, ndihleli phezulu phaya. Lathi, “NdinguLowo owema emkhombeni ngoba busuku, nowenza imimoya namaza ayeke.” Wathi, “Yima ngeenyawo zakho ukhalimele isaqhwithi, kwaye siyakuthobela kanye oko ukutshoyo.” Oko yabe esi sigaba sesithathu solungiselelo oluzayo. Ibe inyukela ngasentla, iminyaka. Kwaye kukhangeleka ngathi kukho into ethile eqhubeka inekhala, ndiyacinga, “Owu, musa...” Kodwa oko koko kanye ngqo Akwenzileyo. Kwaye lona nguYe kwakhona, nguMoya Wakhe ngqo kwakhona, kanye ngqo.

<sup>69</sup> Kodwa ndibe nabalinganisa basenyameni abaninzi omnye phezulu komnye, iyandoyikisa kwa nje ukucinga ngayo. Kuba, uyakuba nako okuya, ngokuqinisekileyo nje ngehlabathi. Kusoloko kukho umxube wendibandiba. Kwaye okwa kulinganisa kwasenyameni kufanele kuYilandele. Yakwenza ngemihla Yakhe; yakwenza ngemihla kaMoses; iyakwenza kuyo yonke imihla. Iyakuyenza kulo mhla xa uMoya oyiNgcwele uzama ukwenza umsebenzi. Kodwa futhi, ukuba umntu ungokamoya, ulinganiso lwasenyameni lugqamisa nje into eyiyo, Oko, esona si—sihlabo sikaThixo.

<sup>70</sup> Kwaye ukuma phaya, ngela xesha, ndaphakama ndaza ndathi, “Nkosi Thixo, Mdali omkhulu wendalo, Ndiyakholwa ukuba nguWe othethayo. Akukho nalinye ixesha owakhe

wandibonisa nantonina eyayingalunganga, kwaye akukho nalinye ixesha wakhe Wena wanda ndatsho nantoni na kuphela oko kuyakwenzeka.”

<sup>71</sup> Ndathi, ngoko ke, “Ndithi kwisaqhwithi esivunguzayo, ‘Yiya kwindawo yakho. Buyela emva, yiyeke le ndawo.’ Kwaye ndiyayalela ukuba ilanga liyakukhanya kwezi ntsuku zine zilandelayo, de la madoda afumane iimbasa zawo, kwaye ndingawanceda azifumane, kwaye aphume kwezi ntaba.”

<sup>72</sup> Kwaye iNkosi uThixo, Onguyena Mgwebi wam ngale ntsasa; laa mvula nezinto zaphinyela, ngesiquphe sexesha kwakungekho nantwana yayo. Ndajonga, kwaye kwakukho umoya usuka kwenye indlela, ukunqumla umphezulu wentaba, waza waphakamisela phezulu loo mafu ngolwa hlobo. Nje kwimizuzwana embalwa, ilanga laphuma, kumphezulu, kwaye lakhanyisela ezantsi, nje kakuhle kangangoko lalinokuba nakho.

<sup>73</sup> Nje into ekwanye eyayenzayo eJamani. Niyalikhumbula ibali eJamani. Xa amagqwirha, ishumi elinesihlanu kwicala elinye, lasika, lathabatha isikere lasika usiba, lolatha ngasemva ngale ndlela, kwaye ema phaya esenza ukuphinganisa kwawo, kwaye esithi ayakubhudla intente imke, yabantu abangamawaka alishumi elinesithathu. Kwaye uMzalwana u-Arganbright wayemi phaya. Kwaye naku kusiza isaqhwithi, ilifu liziza kanye phezulu. Ndema phaya ngakuMzalwana uLowster. Abaninzi benu bayamazi, umJamani ozalelwe eMelika apha ongumtolikeli wam phaya. Kwaye we—wema kanye phaya. Ndathi, “Sukukutolika oku.” Kodwa ndathi, “Nkosi Thixo, Undinike u—umbono kwaye wandithumela eJamani. La magqwirha azise esi saqhwithi. UnguThixo wendalo, makwaziwe ukuba UnguThixo!” Akukho namnye kuphela ngosiqondayo isiNgesi, kwaye babengekho baninzi phaya ababesazi endandithetha malunga nako.

<sup>74</sup> Kanye ngoko intente yaphakama *ngolu* hlobo, kunye nabantu abangamawaka angamashumi amathathu phantsi kwayo, ixhuma-xhuma *ngolwahlobo*, yazinza, aze amafu neendudumo zagquma. Ngaphantsi kwemizuzu emihlanu, ilanga lalikhanyisela kanye ezantsi oko, xa malunga newaka elilishumi elinisihlanu lamaJamani leza kwiNkosi uYesu Kristu. UsenguThixo. UsenguThixo nje kangangoku wayesoloko enguYe.

<sup>75</sup> Ke, njengoko ndandimile phaya kula nduli. Kuphuma malunga neentsuku ezine kamva, nabani apha uyayazi inyaniso, kwakungekho nalinye ilufu esibhakabhakeni, kusukela kula yure, iintsuku ezine.

<sup>76</sup> Xa ndehlayo ndaza ndahamba, ndemka, ndayokuthenga amafutha emoto xa sasiphuma entabeni, ndathi, “Sibe somile kakuhle.”

<sup>77</sup> Wathi, “Ewe, kube komile.” Ndathi, wathi, “Besijonge isaqhwithi ngenye imini, sifike, kodwa asazi, into iye yayeka.” Yabona?

<sup>78</sup> Ndehla ndaya kwelinye icala leColorado, ndamisa ukufumana amafutha emoto. UBilly Paul, unyana wam emva phaya, sasikunye. Ndathi, “Masijonge ukuba iyekile apha.”

<sup>79</sup> Ndaza ndaqhuba ndangena, “Molweni kusanje,” saza saqalisa ukuthetha nendoda.

Yathi, “Molweni kusanje.” Kwaye ya . . .

Ndathi, “Ngokuqinisekileyo imini entle!”

<sup>80</sup> Yathi, “Ewe, ilanga elidala liyaphuma, lishushu kwakhona.” Yathi, “Ngokuqinisekileyo liyasitshisa ngalo elixesha lohlobo.”

<sup>81</sup> Ndaza ndathi, “Ehe.” Ndathi, “Kulungile, oko konke kunqumleze isizwe.”

Yathi, “Ehe, ndiyaqonda.”

Ndaza ndathi, “Kuya kuba phantse leloxesha lwesaqhwithi senu.”

<sup>82</sup> Yathi, “Uyazi into?” Yathi, “Onke amaphepha, unomathotholo, nayo yonke into engenye, ithe isaqhwithi siyeza ngenye imini. Aza amafu afika, saza isaqhwithi saqalisa. Kwaye konke ngaxesha nye, asazi kwenzeke ntoni kuso, semka sonke.”

<sup>83</sup> UsenguThixo, nje kangangokuba uThixo wayesoloko enguYe. Kodwa ingathini indoda itsho ezo zinto ngaphandleni uThixo uyixelele kuqala ukuba iyitsho? Yabona, hayi ukuba phantsi kwempembelelo; kodwa uyakwazi oko ukutshoyo, ngoko kwenze. Kodwa linda, sukuzama ukuthi, “Owu, leyo yindlela!” Abantu abaninzi, ndiyacinga, kwaye—kwaye izipho zikaThixo. . . Linda ukuze wazi ukuba yiyo, wazi ukuba nguThixo. Yabona, linda de iZwi lize, kwaye ulive Lona, kwaye ulazi Lona, ulibona Lona, emva koko unganakho ukuthi, “ngu ITSHO INKOSI.” Ukuba asingo ITSHO INKOSI, ngoko yimpembelelo yakho, koko umntu othile ongomnye akucingayo. Abantu bacela abantu, “Nditsholo *oku*. Denzele *oku*.” Ungayenza njani, ukuba unyanisekile ngoThixo, ade uThixo akuxelele kuqala? Ndingakuxelela njani, “Utsho uJack Moore,” kwaye uJack Moore akathethanga nto kum? Yabona? Kufuneka isuke kuThixo kuqala, hayi impembelelo. Kufanele ibe nguThixo, kwaye emva koko iyakwenzeka, kuba ngoko ingu ITSHO INKOSI.

<sup>84</sup> Ngoku, wonke ubani akasayi kuba nako okuya. Hayi, mhlekazi. Ayisayi kuba ngalandlela. Ayizange ibe ngala ndlela. Ayisokuze ibe ngala ndlela. UThixo uqubisana nomntu ngamnye. Wayenza ngemihla kaNowa. Wayenza ngemihla ka—kaYoshuwa. Wayenza ngemihla kaMoses. Wabe esoloko. Akazange wenza inkqubo. Ibe ingumntu omnye, kuba abantu ababini abafani, akukho xesha. Yabona, akazange

enze ngakumbi. Kodwa wonke ubani akuzange kufuneke abe nguMoses. Babengayiqondi; balandela nje. Kwaye uMoya oyiNgcwele, ukuba indoda ithanjisiwe nguThixo, iyakukukhokelela ekulandeleni uMoya oyiNgcwele kunye neBhayibhile, kuba nguLowo Owenza ezi zinto, uYesu Kristu ekwimo kaMoya oyiNgcwele esebenza ebantwini.

<sup>85</sup> Ndimile phaya, ndaqalisa ukubuyela emva ukwehla. Ndema phaya. Ndalila. Andibanganakho ukuyinceda, ukubona oko kwenzekileyo kanye phaya ngesiqophe.

<sup>86</sup> Kwaye abazalwana phezulu phaya, ngoku babebangaphi ababekho, ingaba ukhona othile apha? Ndiyamazi uFred Sothmann kunye nabo balapha, babephezulu phaya; hayi, uFred wayekunye nam kwenye indawo. Ingaba ukhona othile apha ngoku owayephezulu phaya? Ingaba uMzalwana uBanks Wood kunye nabo khona apha okwangoku? Ingaba kukho nabani na apha ngaphandle koBilly Paul owayephezulu phaya? La makhwenkwe asandula kumka, ehe, kunye noMzalwana uWood, kunye noMzalwana uTaylor, okanye, ndilibe igama lomnye umzalwana, abane okanye abahlanu babo babemile phaya. Aba bazalwana apha, uMzalwana uMartin wayesandula kumka, wemka ngosuku olungaphambili, ngenxa yesaqhwithi sisiza. Niyakhumbula nonke isaqhwithi, usasazo, bathi lwalusiza. [Umzalwana uthi, “Sahlangana nalo.”—Mhl.] Ngoku, uthini? Nahlangana nalo. [“Sahlangana nalo.”] Nahlangana nalo.

<sup>87</sup> Emva koko, ngoku qwalasela. Ndimile phaya, ndacinga, “Kuhle, ndiyaqikelela ndiyakwehla ngenduli.”

<sup>88</sup> Kwaye nde—ndenza isithembiso kuThixo, kwimnyaka embalwa eyagqithayo, ndiphume kunye neVangeli Egcweleyo Yamadoda Angoosomashinini, ukuba, “Andiyi kudubula silwanyana ukwenzela omnye umntu, ngaphandleni kokuba yimeko engxamisekileyo.” Bendingayi nje kuyenza lonto.

<sup>89</sup> Kwaye, ehe, nguMzalwana uJack Palmer, ingaba ulapha? UMzalwana uJack, wayesuka eGeorgia, uqhele ukuza apha. Wayemile phaya. Kwaye ubusuku ngaphambili, wathi, “Mzalwana uBranham, ndifumanele ixhama.”

<sup>90</sup> Kwaye, bethu, ndanikina nje, ngokuba, ndi—ndiyazi ndenze isibhambathiso andiyi kuyenza lonto, isine okanye isahlanu seminyaka eyagqithayo, kuba ngala nyaka ndabulala ishumi elinesithoba lomhlambi wee-elk zodwa. Nje ukwenzela wona madoda angoosomashishini aye ahlale ancokole ngeshishini lawo. Bekufanele ndihambe ndiye kubabulalela izilwanyana. Kwaye oko akuzange kukhangeleke...njengokundifaka kwigumbi lababulali, kodwa andiyi kuyenza. Ndiyakubasa apho ikhoyo, kodwa andiyi kuyidubula. Ke ndamthembisa uThixo andiyi kuyenza lonto.



<sup>91</sup> Ke ngoko ndaba nayo, ndayishiya indawo, ndabuyela emva, ndaqalisa ukwehla ngenduli, laza iZwi lathetha nam, laza lathi, “Kutheni unгахambі naM nje?”

<sup>92</sup> Ndaza ndathi, “Nkosi Thixo, ukuba lowo nguWe, ndiyayazi ukuba kuphela kwesandla sikaThixo esinokususa loo mafu nokwenza oko Okwenzileyo apha.” Laza ilanga elishushu lakhanyisela ezantsi, lisomisa ihempe yam, kwaye umphunga uphuma kuyo. Ndaza ndathi. . . enkulu indlu yecawa, ihlathi elingekachukunyiswa, niyazi. Ndaza ndathi, “Ndiyakholwa ndiyakunyuka ngale ndlela, Nkosi, ukuba akunandlela iyethile. Bendifuna ukuya phaya ndime nje okwemizuzu embalwa ukwenzela isikhumbuzo esincinci umfazi wam, yolwethu—yolwethu lokuqala nokuphela kwalo uhambo lwabasandula kutshata, niyazi, okokuba sakhe saba nethuba lokuhamba. Kwaye ndamsa kuhambo lokuzingela, kwaye naku ndilapha ngalo nyaka kwakhona, ndizingela kunye naba bazalwana; kwaye yena esezantsi eTucson, ezama ukugcina izinto ziqhubeka.”

<sup>93</sup> Ndaza ndaqalisa ukuhamba ndisehla ngala ndawo, ndaza ndangena ekucingeni. Ngoku oku kuzakuvakala ngokungaqhelekanga kakhulu. Kwaye ndiyakukhawulezisa, kuba ndiyayazi inkonzo yenu iqalisa malunga neshumi lemizuzu. Kwaye ke ndandisehla apho ngaloo ndawo, kwaye ndandicinga, “Owu, andazi kutheni angazange atsho kwalizwi kum malunga nokuya naphina?” Kwaye ngale ntsasa ndifuna ukunixelela okwenzekayo, kwimizuzu embalwa. Ndi—ndi. . .

<sup>94</sup> Wonke umntu kufanele acinge oku. Ndi—ndicinga akukho mfazi ehlabathini onje ngomfazi wam. Ungomangalisayo nje umntu, omncinci onentlonelo, ohlala ekhaya. Wasoloko esenza impahla zam zisoloko zilungile. Kwaye ndiyakuphuma, ndimke ndiye kuhambo, yonke into; ndingene, ndithi, ndimtsala kancikane, ndithi, “Ndingumyeni wakho. Ingaba ungumfazi wam?” Kunye nolohlobo, ndize ndiphuze abantwana, ndiguqe phantsi ndibe nomthandazo; ndize ndinxibe iimpahla zam, ukwenzela ndingaphulukani nengqondo yam, phantse, ngenxa yezihlwele nezinto, ndisuke ndiye kuloba okanye ekuzingeleni, ndimke kuye. Uye wafuneka ayinyamezele yonke yedwa, ngokunokwakhe.

<sup>95</sup> Ndaza ndangena ekucingeni, “Kuhle, mhlawumbi xa ndisekhaya, kuphela kwento endasoloko. . . kuphela kwento endiyaziyo nguThixo kunye neLizwi Lakhe. Kwaye ndisoloko ndithetha ngaLo.” Kwaye ndandisiya phaya, yaze ingcinga yafika kum, yathi, “Kulungile, mhlawumbi uyakuvumela uhambe ngokuba ku—kugcina abantu kude, kunye nanjalo njalo ngolwa hlobo. Kwaye usenokuba seluxolweni kancinci xa ungekhoyo.” Ndaza ndaqalisa ukukhapha la ngcinga. Ndathi, “Um,” ngolwa hlobo, kwaye, xa ndakwenzayo, ndabona imisebe ebusweni bam, kusukela malunga neveki ubudala, kwaye

yayingcono kunesiqingatha sobungwevu. Ndacinga, “Bill, nje uba . . . uyayazi apho uya khona. Uya kanye ekuphumeni ngoku, yabona, uyaguga. Kwaye sowugqithile kula mda wamashumi amahlanu.” Ke ndandicinga nje oko, ndihamba kunye nompu wam ujinga egxalabeni lam, ndihamba ngolwahlobo.

<sup>96</sup> Kwaye ngesiquphe, into ethile yenzeka. Ikhangeleka, kuwo wonke umqathango, ndandiyinkwenkwe kwakhona. Andiyazi ngokusengqondweni kwenzeka ntoni, okanye yayiyintoni. Ndaza ndajonga, ndimi phambi kwakhe, kwaye nankuya phambi kwam, kwaye nankuya wema kanye ngendlela awayeyiyo xa ndamtshatayo. Ndabeka umpu wam phantsi. Ndahlilikhla amehlo am. Ndajonga kuye kwaye wakhupha iingalo zakhe *ngoluhlobo*, wajonga kum. Ndathobisa intloko yam.

<sup>97</sup> Kuba, ndandisenyuka ndisiyela encinci—encinci inkumbulo yesikhumbuzo seminyaka satshatayo; ndime ecaleni kwalo mithi, imfumba yemithi emincinci phezulu phaya, ukurhwashazela kwezirhubuluzi, nje kanye phaya kwakuphezulu kumatyholo asentla xa sanyuka saya e-Adirondack. Kwaye ndisoloko ndinyukela ndisiya phaya, qho kumashumi amabini anesithathu osuku ku Okthobha, xa ndiphezulu phaya.

<sup>98</sup> Kwaye nanko elapho. Kwaye ndandiwubeke phantsi umpu wam, ndajonga phaya. Ndaza ndema umzuzu, ndaza ndathobisa intloko yam. Ndajonga ngasemva, kwaye wayesamile phaya ekhuphe iingalo zakhe. Ndaza ndacinga, “Ngokuqinisekileyo ndiphulukene nengqondo yam.” Ndajonga kwakhona. Ndacinga, “Kutheni oku kube kuko?” Naku ndilapha, umfo osemntsha. Ndajonga ezandleni zam, ndaza ndathi ndi . . . “Nkosi, uxanduva lwam ehlabathini, ukuzisa uMyalezo Wakho, ngokuqinisekileyo oku yinto ethile eyenzekileyo kum.” Ndaza ndajonga kwakhona, kwaze emva koko yanyamalala.

<sup>99</sup> Ndaza ndachola umpu wam, ndawubeka egxalabeni lam. Ndaza ndathi, “Mhlawumbi nguWe owenza ndazi esi sizathu, iyayophula intliziyo yakhe xa mna kufuneka ndi . . . xa ndingenayo, ndize ndiphume ndiye kuzingela, kunye nezinto ngolwa hlobo.”

<sup>100</sup> Kodwa njengoko ndaqalisayo ukuhamba, ndothula umnqwazi wam kwakhona. Ndathi, “Thixo, ndiyayazi ukuba Wena ulapha. Akukho ntandabuzo engqondweni yam kuphela ulapha. Kwaye ndiyakukholelwa Wena, lonke iLizwi. Wena, Wena wenza ela langa likhanyisele ezantsi kumqolo wam. UnguLowo Owenza ezi zinto. UnguMdali. Ndi, ndiye ndazilazila kakhulu, kukhangeleka ngathi ndiyoyika ukubamba. Ndiyoyika ndiyakwenza into engalunganga.” Ndathi, “Kukho into enye endiyakuyicela kuWe uyenze. Funqula umthwalo entliziyweni yam. Akukho sidingo kum sokuzama ukuvuma izono kwakhona,

ngokuba kwiminyaka emihlanu bendisoloko ndikhala kuWe. Yintoni endiyenzileyo? Ndixelele yintoni.”

<sup>101</sup> Kwaye ndandinyuka induli encinci ngoko, kanye kufuphi apho ndandizakuma okwemizuzu embalwa, nje ukubulela iNkosi ngomfazi wam kunye nomtshato oyimpulelo athe uThixo wasinika wona, kunye nothando esinalo omnye komnye, ngayo le minyaka, kunye nabantwana bethu. Ndikwenza oko qho kusuku lwamashumi amabini anesithathu ku Okthobha. Kwaye kwakukho ukurhwashezela kwesirhubuluzi, malunga, owu, ishumi lee intshi ukutyeba, yeza yenyuka *ngolu* hlobo, yaza yemka, uhlobo lwe L, yaza yenyuka. Kwaye nje ngokuba ndandinyuka induli, ndaba nokutyhafa kakhulu, ndaza ndayama ngala mthi, *ngolwa* hlobo.

<sup>102</sup> Kwaye ndandinakho ukuva into irhwashaza emagqabini, nje umzuzu. Ngoku, amagqabi aye omile, ndandihambile phaya, malunga namakhulu amathathu okanye amane omgama. Ndaza ndajonga, yayingamanzi ephuma emehlweni am, esiwela phantsi, esihla ngeendevu ezingwevu, ukuya emhlabeni. Ndathi, “Owu Thixo, onjani—onjani umsileli endinguye.” Kwaye ndimile phaya kula meko. Ndathi, “Ndi—ndiyathemba ukuba Uyakuba nenceba kuye.” Ndathi, “A—andifanele kucela nceba.” Ndathi, “Ngenye imini, ndiyazi ndiba yingwevu, kwaye ndi—ndifanele ndihambe, Nkosi.”

<sup>103</sup> Kwaye ndiyaqikelela abantu bacinga iphambene, kodwa ndi—ndifumana uThixo phandle kwezo ndawo. Apho—apho kulapho iyinene kum. Ndi...yona nje—nje iyinene njengoko injalo kanye apha; kwaye, ngokuphandle, ngokungaphezulwana, kuba, yabona, nonke kuni, ngokwahlukeneyo. Phaya, ikhangeleka ngathi ndimi nje kunye naYe ndedwa, ndingathethi namntu kuphela Yena.

<sup>104</sup> Kwaye njengoko ndandimile phaya, ndeva urhwasharwasha, ndaza ndabuphakamisa intloko yam; kunye nehemphe ebomvu ndiyinxibile ngoku, kunye negqesha libhijele umnqwazi wam—wam, itshefu ebomvu ibhijelwe komnye walominqwazi yasentshona. Ndaza nda—ndabhekabheka, kwaye nako kumi amabini, amathathu amaxhama emile kanye ecaleni kwam, ndahamba nje ukuya phaya; mna kuleya ibomvu. Konke okuya kudubula ngaphaya, amadoda alikhulu, ayedubule amatyeli angamashumi amane, ndiyaqikelela; kutheni, ngokuqinisekileyo, babewasazile kanye ngoku. Kodwa babengayenzanga. Ema nje aze ajonga kum.

<sup>105</sup> Kwaye inyama entle, amabini akhule ngokupheleleyo amathole kunye nemazi yexhama. Yaza into ethile yathi kum, “Nalo ixhama likaMzalwana u-Evans, elinye likaMzalwana uWelch, nelinye lomshumayeli waseWisile. Phaya koko ngokuchanekileyo ethe iNkosi uThixo yakunika kona ngoku. Awanakuphuncuka. Akukho ndlela yayo yokuyenza lonto.”

Ndandinompu ujinga egxalabeni lam kanye apha. Kwaye ngaphambi kokuba abe nokuphethuka, ndiyakuwabulala omathathu, yabona, ngolwahlobo, ngaphambi kokuba abe nokushukuma. Ayesezandleni zam ngqo. Kwaye nda... Kwaye nda—ndacinga, “Nangaya, nje isithathu. Kulula ukuwaqengqela ezantsi endulini apha, emva koko ndawathabathe ndiwakhuphe.” Ndaza ndacinga, “Okokuyakubalula kakhula. Naso isithathu, emva koko sibe nakho ukugoduka ukusuka phaya, sithabathe size siphume ezintabeni.” Kwaye njengoko ndandijongile kuwo phaya, ayemile, ejonge kum, nje ngokuzola, malunga neshumi elinesihlanu lomgama, amashumi amabini. Kuhle, ndema nje bhungxe.

<sup>106</sup> Kwaye andiyazi nokuba nina bafo niyalizingela ixhama, okanye hayi, kodwa awaqhelekanga, xa wona—wona aka... okanye awaqinisekanga, ayakwenza iinyawo zawo *ngolu* hlobo, hamba... [UMzalwana uBranham unqisha iinyawo zakhe endaweni, aze emva koko azimise endaweni kwakhona—Mhl.]

<sup>107</sup> Aze emva koko andijonga. Ndacinga, “Ke, nantsiya. Kuphela kwento, nje kukugibisela umpu wam kwaye wona—wona amkile.”

<sup>108</sup> Ndaze emva koko ndakhumbula ndathembise uThixo ukuba andisayi kuyenza lonto. Kwaye ndiyakukhumbula oko. Ndacinga, “Hayi, andinakuyenza lonto. Lonto ayilunganga. Ndathembisa uThixo ukuba andiyi kuyenza lonto.” Kwaye xa wenze isithembiso, uhlala naso. UThixo ukulindele uyenze. Kwaye phaya ndacinga, “Kuhle, nje ngokugqibeleleyo ezandleni zam, kodwa ndaMthembisa andiyi kuyenza.”

<sup>109</sup> Ndathi, “Hamba, mama, thabatha abantwana bakho uye ematyholweni, yonwaba. Ndiyakuthanda oku, nam. Usezandleni zam, kodwa andizukubulala.” Kwaye abusondela kancinci. Owu, okunjani ukungaqheleki okuya, kwixhama. Kwaye ebesaya kundijonga, niyayazi, kwaye ajike iintloko zawo. Kwaye mna ndimi phaya, ndinxibe bomvu, kunye nompu umi esandleni sam. Kwaye asondela kakhulu ngenene de aphantse... Ndandinakho ukuwondla ngokusuka esandleni sam. Kwaye ajojise nje phaya, kwimizuzu embalwa, aphethuka, aya emva indawana encinci. Ama, abuya kwakhona.

<sup>110</sup> Into ethile yaqhubeka isithi, “Asezandleni zakho ngqo. Asezandleni zakho ngqo. INkosi iwabeka ezandleni zakho.”

Ndathi, “Kodwa ndathembisa, ndathembisa ukuba andiyi kuyenza.”

<sup>111</sup> Kusukela ngoko, ndacinga, “Uyazi, ngelinye ixesha, uDavide wakhokelelwa kwa kwelo cala apho uYowabhi wayelele khona kwaye... okanye uKumkani uSawule wayelele khona. Waze uYowabhi wathi kuye, wathi, ‘INKosi imnikele ezandleni zakho.’ Kodwa wathi, ‘UThixo ukwalele ukuba ndichukumise

umthanjiswa Wakhe.” Yabona? Yabona, kufuneka uqaphele xa wenze isithembiso.

112 Ndaza ndathi, “Ndathembisa uThixo ukuba andisayi kuyenza, ke andisokuze.”

113 Ndathi, “Mama, thabatha abantwana bakho uze uye ematyholweni. Andizukukhathaza. Usezandleni zam, ubungenakuphuncuka ukuba ubufanele. Kodwa a— andizukukwenzakalisa. Yiya ematyholweni.” Aze abuyela emva kwakhona, kanye ukundijikeleza. Kwaye ndema phaya. Ndaza ndacinga, “Yintoni lena? Into engaqhelekanga.”

114 Ndingumntu wendalo. Ndi—ndi—ndibukela uThixo kwindalo, ukutshona nokuphuma kwelanga; kukufa, ubomi, u—ukungcwatywa; ukufa, uvuko kwakhona, yonke into. Njengemithi, indlela uYobhi awatshoyo malunga nokuzimela engcwabeni, “Uyakudigusha engontsini.” Kwaye ubone incidi ishiya imithi, ize yehlela engcwabeni leengcambu, ize iynuke ibuye entlakohlaza, uvuko. Yonke into ithetha ngobomi kunye novuko.

115 Kwaye njengoko ndandimile phaya ndiwabukele, wona asondela kakhulu, asondela kakhulu. Aza emva koko aphethuka ahamba aya ematyholweni. Ndaza ndema nje phaya, nje ndisisimumu, ngohlobo.

116 Kwaye xa emkayo, ela Zwi lathetha kwakhona, ela langa likhanya kumqolo wam, lathi, “Usikhumbule isithembiso sakho, akunjalo?”

117 Ndathi, “Ewe, Nkosi, ndiyasikhumbula isithembiso sam. Ndiyayazi lowo nguWe. Andikwazi ukukubona Wena, Nkosi, kodwa Wena ulapha ndaweni ithile.” Ndathi, “Andikuboni Wena, kodwa ndiyaliva iZwi Lakho. Ndiyayazi Ulapha.”

118 Lathi, “Usigcinile isithembiso sakho, usikhumbule esakho—esakho isithembiso. Ndiyakusikhumbula esaM, nam. Andisayi kukushiya ndingasayi kukuyekela.”

119 Owu, bethu, andizange ndizive ngohlobo olunye kusukela ngoko! Ndehla entabeni. Yonke imva kwemini, umbono emva kombono wenzeka, usenzeka. Ndiyehla. Ikhangeleka yonke into ngathi ibe yahlukile kusukela ngoko. U—umthwalo umkile.

120 Malunga xana ulungiselelo lwafika okokuqala kum, kunye nemvakalelo i—isandla somntu, into eyayiyiyo, yayibubomi kubo, kwaye—kwaye siyayazi indlela eyahamba ngayo.

121 Ngobunye ubusuku, eCalifornia, ndandimi kunye nosapho lakwaMalicki, UMzalwana uMoore uyakhumbula kunye noMzalwana uBrown, usapho lakwaMalicki. Kwaye inenekazi elincinci lalizakuba nomlenze odumbileyo, owenziwa luzalo losana. Kwaye nda—ndamenza wakhupha isandla sakhe, ndathi, “Nantso, uyabona ukungcangcazela kwayo. Yabona?” Ndaza ndathi, “Wena, wena uzakudunjelwa ngumlenze.” Ndathi,

“sele isebenza kuwe.” Kwaye lwayenza, phantse lwaphulukana nobomi balo.

<sup>122</sup> Waza wathi uMzalwana uMalicki kum, wathi, “Mzalwana uBranham, ukwenza njani okuya?”

Ndathi, “Andiyazi. Andinakho ukukuxelela ukuba injani. NguThixo.”

<sup>123</sup> Ke ndaza ndaphakamisa isandla sam *ngolwa* hlobo. Ndathi, “Nanku, nanku umfazi wam, ndiyayazi akukho nto ingalunganga malunga naye. Beka izandla zakho phezu kwezam, sthandwa.” Kwaye wayenza, kwaye nalo ithumba lingcangcazela, ebufazini. Ndaza ndathi, “Sthandwa, unethumba, sthadwa, kumadlala obufazi.”

Waze wathi, “A—andiva nto.”

<sup>124</sup> Ndathi, “Sthandwa, nantsi esandleni sam. Phakamisela phezulu isandla sakho.” Wasiphakamisela phezulu, emva koko wasibeka phantsi. “Uyayibona?”

<sup>125</sup> Kuhle, xa semkayo, sagoduka, safumana olunge kakhulu ugqirha osisihlobo; ndandihamba isikolo kunye nanye. Samsa ezantsi, uxilongo. Wathi, “Billy, akukho nto ingalunganga malunga naye.” Wathi, “Uphilile. Akukho thumba phaya.”

<sup>126</sup> Ndathi, “Sam, andifuni kuthandabuza ilizwi lakho, yabona, ngokuba umxilongile, kodwa kukho ithumba phaya.”

<sup>127</sup> Wonke umntu, ngaphaya kwesithathu okanye isine seminyaka, xa ndifumana unyango lwam, xa ndisiya ngaphaya kweelwadle, uya kunye nam kwagqirha. Kwaye xa yayiyiyo, zange ayibone.

<sup>128</sup> Kwaye malunga neminyaka emibini eyagqithayo, ndeza ngenye imini, ngoku ma—mandichaze yonke inyaniso. Yabona, akufuni kutsiba nanye into, kufuneka uchaze yonke inyaniso. Kwaye ndiluchazile kuwe, uthando lwam kumfazi wam. Kodwa noko kufuneka siziqaphele ezo zinto. Ndinixelela inyaniso. UBawo waseZulwini, Lowo ulingqina lam apha ngoku, uyayazi yinyaniso. Owu, endlwini, indlela eyiyo, nje *oku, okuya*, kunye nayo yonke into! Usizana lwento encinci esekuguqukeni kobomi ngeli xesha, ukuyeka ukuya exesheni.

<sup>129</sup> Kwaye kwiqela leminyaka egqithileyo, malunga nesibini seminyaka edlulileyo, xa sasinogqirha, waze ugqirha wafumana ithumba kwicala lakhe langasekhohlo. Lalikhulile malunga nomlinganiselo we—wenqoba. Wathi, “Mandikuxilonge oko kwakhona, Mzalwana uBranham.” Wathi, “Malunga neenyanga ezintathu, ukuba oko kuyakhula, ifanele iphume.” Kulungile, ngoko sa . . .

<sup>130</sup> Kodwa ngaphambi kokuya, ndinento endifuna ukunixelela yona. Ndikulibele oko. Ngenye imini ndangena, kwaye ukusuka endlwini, kwaye ndandingena ndiyokwenza into ethile, ndaza

ndaguquka ndaphuma. Ndaza ndathi. . . Wathi, “Ungaya nam edolophini, Billy?”

Ndaza ndathi, “Hayi khona ngoku, sthandwa.”

<sup>131</sup> Waza wathi, “Uzakwenza ntoni malunga noBecky, *ethile-thile*?”

Ndathi, “Kulungile, sthandwa, andazi nje emandikwenze.”

<sup>132</sup> Kwaye kwakukho into ethile ephumayo, kwaye wayephakuphaku kakhulu enganakho ukuzibamba. Abantu endlwini, ubusuku bonke. Kwaye njengobusuku bangaphambili, nkqu nangentsimbi yokuqala ekuseni, akungena abantu, ekujikelezini indlu, ekujikelezini iifestile, nayo yonke. . . Ke wayephakuphaku kakhulu, kwaye watsho into kum, ngokutshawuza, awayengafanelanga ukuba wayitsho. Yabona? Wathi, “Ngoko, Bill, usoloko ungekho, kwaye ndifanela ndikhathalele aba bantwana ngokwam.” Wathi, “Akukhe ubelapha. Asikwazi kuthabatha izigqibo sobabini. Uye ube ngaphandle, ungabikho. . .” Waza waqalisa ukulila, wangena, wavala ucango.

<sup>133</sup> Kanye apho ndathi, “Owu, usizana lwento encinci!” Ndathi, “Bethu, ndifanele. . .” Ndaza ndaqalisa ukuphuma.

<sup>134</sup> Laza Lathi, “Funda kwiZikronike zeSibini ama-22.” Kwakuxa uMiriam wakhalimela uMoses, ngokutshata intombi yomTopiya; kwakungcono ukuba uyise wayetsicele ebusweni bakhe, kunokwenza oku.

<sup>135</sup> Kwaye nda—ndabuyela emva ndangena, ndathi, “Sthandwa, uthethe into engalunganga.” Kwaye wayelila. Ndathi, “Uthethe into engalunganga, sthandwa. UThixo uzakukwenza uhlawula ngayo. Ubungafanelanga ukwenze okuya. Ndikrazukile, ngokwam. Ubungafanelanga ukutsho okuya.”

<sup>136</sup> Waze wathi, “Kulungile, Bill, ndi—ndikrazuke kakhulu.” Ndaza ndaphethuka ndabuyela emva, kuba ndayazi wayengekho kwimeko yokuyamnkela, ke ndabuyela ngaphandle.

<sup>137</sup> Kwaye uvavanyo olulandelayo, malunga nenyanga emva koko, lwabonisa ithumba.

<sup>138</sup> Kunyaka ophelileyo, nali lisiza kwakhona. Xa wazamayo kwakhona, ngoku lalifike kumlinganiselo we orenji. Ugqirha wathi, “Sukumyeka thuba lide kwakhona. Kufuneka utyande. Okuya kusekukhuleni okukhawulezileyo kwethumba, liba yingozi. Ukuba liyagcwala, lize libambeke ecaleni, yintoni oyakuyenza?”

Ndathi, “Gqirha, sinokholo kuThixo.”

<sup>139</sup> Andizange nditsho ebandleni, okanye nantoni, ndayiyeka nje yahamba. Saqalisa ukuthandaza. Ndaza ndathi, “Nkosi Thixo, sincece, nceda. Ndiyathandaza ukuba Uyakusinceca,” kwaye ukuqhubeka ngolwa hlobo. Ithumba lakhulu likhula.

<sup>140</sup> Emva koko xa semkayo ukuya eTucson, ugqirha wethu ekhaya wathumela ilizwi kugqirha osisihlobo sakhe phaya, wathi, “Ukuba . . . Uze ulithathe elithumba kuNkskz. Branham, kube kanye.” Wathi, “Ukuba akuyenzi, lizakonakalisa.” Wamxelela, wathi, “Ithumba sele likhulile, ngonyaka, ukusukela kumlinganiselo wenqoba kude kube ngumlinganiselo wembambusi,” liye laba likhulu kakhulu. Naliya lilapho, lityhalele ecaleni lakhe, *ngolwa* hlobo. Kwaye ngenye imini . . .

<sup>141</sup> A—akalihoya, wahamba; ndathi, “Zama . . .” Sathandaza. Salila. Sacela, yonke into, akwabikho nto yenzekayo. Emva koko wayehamba, kwafuneka amke mva . . . masibone, izolo. Eke, izolo waya kugqirha okokugqibela. Ndathi, “Kulungile, ndikuthiyile ukuyenza, kodwa mhlawumbi kuyakufuneka sinikezele. Kwaye emva koko, sthandwa, uya—uyakufuneka nje u—unikezele, ukuba wenze i . . . wenze likhutshwe, kuba liya lisiba likhulu, ukholo lwethu alwanelanga.”

<sup>142</sup> Ke, usuku phambi kwezolo, ngaphambi kokuba ndimke, ndisazi, wathi, “Ungandifoneli de kube semvakokuba ube nenkonzo kaMzalwana uJack ngoba busuku, emva koko undixelele hlobo luni lomhlangano ubunawo, nokuba bangaphi abantu abasezantsi eShreveport. Emva koko,” wathi, “Ndiyakunikela oko ugqirha akutshiloyo.”

Ndathi, “Kulungile, sthandwa.” Ndaza ndabeka.

<sup>143</sup> Izolo, usuku ngaphambi kwezolo, xa ndaqalisa ukumka phaya, endlwini, ndangena ndaza . . . soloko xa sisimka, bonke abantwana kunye nathi sonke siyahlangana size siguqe phaya egumbini, sithandaze. Kwaye iNkosi, sixelela iNkosi . . . Xa ndisiya ngaphaya kweelwandle, ndithi, “Nkosi uYesu, gcina usapho lwam.” Kwaye bayandithandazela, ukuba uThixo andincede, ukuze sibe nokuhlangana kwakhona. Emva koko bonke abantwana baqalisa ukulila kunye nezinto, niyayazi, kuba niyazi kuba njani.

<sup>144</sup> Thetha ngoMongameli uKennedy edutyulwe? Kuye kwafuneka ndikhuselwe amatyeli amaninzi ekudutyulweni ngesibonisi ukude, kwaye mhlawumbi kwamathathu okanye amane amakhulu omgama ukuba kude, ngenxesha lasebusuku. Banakho ukubona nje ngohlobo olukwalunye benakho emini, ngento yokujonga ebusuku. Kwaye ndiye ndaba kumazwe amaKatolika apho iindlavini nayo yonke into, ezantsi eMexico phaya apho bazithumela emva phaya, baze bathumela ilizwi, umyalezo ngocingo lubhalwe ngento yonke, “Siyakukufumana ngobu busuku,” kunye nanjalo njalo ngolwa hlobo, ukungena nokuphuma, kwaye bendikhangela. Kwaye mhlawumbi ndiyakuyifumana ngelinye ixesha. Konke kulungile. Kodwa ndineNto eyakundigcina xa ela xesha lifika, yabona.

<sup>145</sup> Kwaye ngoko xa ndaqalisayo ukumka kwakhona, ndizihambela, ngenye imini, ndaguqa phantsi, usuku



phambi kwezolo, kwaye ndaguqa phantsi egumbini. Ndaza ndabhekabheka. Ndandiphaya iqela leentsuku, ndidedwa, kungekho mntu endlwini. Ndaza ndathi, “Bawo waseZulwini, ndi—ndiyathandaza ukuba Uyakuba nenceba ngoku, kwaye undincede. Ndiyehla ndiya eShreverport ukuya kwenza yonke into endinakho ukunceda ubuKumkani Bakho.” Ndathi, “Mangaphi amatyeli apho inkosikozi yam kunye nam siguqe apha egumbini ngolu hlobo! Siyathandaza. Kwaye namhlanje ndimkhumbula kakhulu.” Ndaza ndathi, “Ngomso uyangena, kwaye mhlawumbi andisayi kubanakho ukugqiba imihlangano yam, ngokuba mhlawumbi uyakuthatyathelwa esibhedlela, ngenxa yelithumba likhulu esithe sakucela Wena ulisuse. Likhule lakhula, de ngoku kufuneke lisuswe.” Kwaye ndithi, “Ndi—ndiyakubongoza Wena.”

<sup>146</sup> Ndaza ndathi, “Nkosi, ukuba uye watsho into engalunganga, xa wa . . . xa phaya, ndandikrazukile. Ukuba uye watsho into engalunganga,” ndathi, “Nkosi, cinga nje, akazange nangaxesha linye, nangaxesha linye atsho nanye into kum ndisiya emihlanganweni Yakho.” Ndathi, “Wena uya . . . Wasoloko esenza iimpahla zam zicoceke kwaye zilunge; kwaye andibambe ngesandla, aze alile athandaze, athi, ‘Ukuba nje ndingenza into ukunceda iNkosi!’” Ndaza ndathi, “Khangela kwimeko yakhe, Nkosi. Kwaye musa—musa ukuyenza. Musa, nceda musa, Nkosi.” Ndaza nda—ndathi, “Thixo, mncede, ndiyathandaza ukuba Uyakuba nenceba kuye. Kwaye ukuba kufanele aye kutyando, mncede kulo, Nkosi. Ukuba ndiphulukana naye ngoku, andiyazi ndiyakwenza ntoni. Ndiyi—ndiyindoda endala. Kwaye bona abantwana abancinci kufuneka bekhulisiwe, kwaye yintoni endingayenza? Yiba nenceba kuye, Nkosi. Uyayazi indlela endimthanda ngayo.” Ndaza ndathi, “Ndi—ndiyathandaza nje ukuba Uyakumnceda.”

<sup>147</sup> Kwaye njengoko ndandithandaza, ndeva iNto ethile isithi, “Yima ngeenyawo zakho.” Ndaza nje ndaqhubeka, ndithandaza, kuba nda—nda—ndacinga mhlawumbi ndikucingile oko. Kwaye njengoko ndiqhubeka ndithandaza, iNto ethile yathi, “Yima ngeenyawo zakho.” Ndaza ndayeka ukuthandaza, ndajonga phezulu. Kwaye umfanekiso kaKristu, lowo u . . .

<sup>148</sup> Andizange ndakhathalela umfanekiso kaSallman. Ndi—ndithanda umfanekiso kaHofmann, *INTloko KuMashumi amathathu anesithathu*, niyazi. Kwaye ndinomfanekiso wayo, kuba, xa ndambonayo Yena embonweni ngela xesha, leyo nje yindlela Awakhangeleka ngayo. Kwaye nanko inguwo, ndawulungisa ukuze Abe nokujonga kanye kum xa ndandithandaza, kulo mfanekiso.

<sup>149</sup> Kwaye ndakhangela phezulu phaya, ndaza ndakhangela emfanekisweni. Ndaza ndabhekabheka macala onke. Ndacinga, “Ibi yintoni leya, ‘Yima ngeenyawo zakho?’” Ndacinga, “Kuhle, ndiyakuma ngeenyawo zam.” Ndaza ndema ngeenyawo zam.

150 Kanye ela Zwi likwalinye elathetha phezulu phaya endulini ngoba busuku, Lowo mnye Osoloko esiza. Ndathi, “Nkosi Thixo, ingaba ibinguWe obethetha nesicaka Sakho?”

151 Wathi, “Thetha nje ilizwi, kwaye akusayi kubakho thumba.”

152 Ndema phaya ithutyana, ukuzilungisa. Abaninzi benu bayayazi, khona apha, kwaye abantu emnqubeni bayayazi ibiyintoni, ukuba wayenalo. Ndathi, “Emva koko ndathi, eGameni leNkosi uYesu Kristu, okokuba ela thumba liyakusuka kuye.” Belimkhathaza kakubi kakhulu, wayesebhedini ezintathu okanye ezine iintsuku, kunye nalo. Ndathi, “Abasokuze bafumana nophawo lwalo. Kuba, iNkosi uThixo wam, OnguMdali, Onakho ukumisa imimoya nezaqhwithi, kwaye akhalimele iilwandle, kwaye azise okuya, UnguMdali wamazulu nehlabathi. Kwaye ndiyaMthanda kwaye ndiMkholelwa, kwaye ndiyakholelwa ukuba eli xesha ngoku liyasondela xa ezi zinto kufuneka zibenjalo. Kwaye Wena, Onakho ukudala unomatse uze umbeke abekhona, ungathabatha utshaba ulikhuphe ekubeni libekho.” Ndathi, “Xa umtyholi wazibhijele kuqhwithelo... Imimoya yindalo kaThixo. Amanzi yindalo kaThixo. Kodwa umtyholi ungena kuyo, yilonto eyenzileyo, uze ubeke u—ukuxhuzula elwandle, ngolwa hlobo.” Ndathi, “Ungalizolisa. Kwaye Wena unakho ukuzolisa okuya, ungasusa ithumba emfazini wam. Ndaza ndathi yenzekile kanye ngoku, alisokuze liphinde lifunyanwe kwakhona. Kugqityiwe.”

153 Ndaphuma phaya kunye nengqiniseko, ndaxelela unyana wam kunye nomolokazana. Sehla, kwaye kubusuku obugqithileyo ndabalekela apha ngokukhawuleza ukuba ndibe nomhlangano; ndaza ndabuyela emva, ndamfonela. Kwaye wayengazinto malunga nayo ngelo xesha. Andizange ndimxelele.

154 Kwaye xa wafowunayo, wayevuya nje. Wathi, “Billy, ndinento endifuna ukukuxelela yona, sthandwa.” Wathi, “Akukho nalunye uphawu lwethumba lishiyeke naphina. Ugqirha uthe akabanga nakho ukufuna kwa nto.” Wathi, “Ndandivuya kakhulu! Kwaye uNkskz. Norman kunye nabaninzi oodade apha, ababini okanye abathathu babo, babekunye nathi apha egumbini.” Wathi, “Ugqirha uthe, ‘Ingaba uthetha ukutsho! Andiyiqondi. Kwinyanga egqithileyo, ibilithumba phaya umlinganiso wembambusi.’ Waza wathi, ‘Nkskz. Branham, qinisekiseka, akukho nalunye uphawu lwethumba malunga nawe, tu.’”

155 YiNkosi uThixo wethu! Imini yombulelo? Owu, enkosi Thixo ngesipho sikaYesu Kristu, esa Siphosiphakeme kakhulu siso izolo, namhlanje, naphakade! Leyo yinyaniso. Andikholelwa ekwenzeni izifungo ngamazulu okanye ngomhlaba, okanye nanto ingenye. Kodwa ngeBhayibhile phezu kwentliziyo yam, kwaye uThixo endiMthandayo, uyazi ukuba lonke

ilizwi lokuya linyaniseka ngokwenene. Imini yombulelo! Xa ndicinga ingomso endiyakuba nalo, okanye iintsuku ezimbalwa ezizayo, ndingafanela ndide ndishiye umhlangano, ukuhamba. Bendingenakho nokuthembisa abantu ukuba ndiyakubuya ngexesha leKrisimesi, ekhaya, ukwenzela abantwana bam, ukubabuyisela ekhaya kwakhona ukwenzela iKrisimesi; ndisazi, ndingcangcazela ezantsi entliziyweni yam, okokuba utyando lwalulindele umfazi wam, kunye nethumba umlinganiselo wembambusi. Kwaye nantso ilapho.

<sup>156</sup> Kwaye kwa elo Lizwi likaThixo, elathi, “Yitsho okufunayo, kwaye iyakuba ngala ndlela.”

<sup>157</sup> Ndaza ndathi, “Ithumba limkile. Abasokuze baphinde balifumane.”

<sup>158</sup> Kwaye limkile, namhlanje. Kwaye oyena ungcono umtyandi kunye nabona bangcono oogqirha ababekho kwaba basebenzi eTucson, Arizona; xa, kwiintsuku ezimbalwa ezagqithayo, kwakukho elikhulu, elikhulu ithuba *ngolwa* hlobo. Kwaye ugqirha okwamnye akabinakho nokufumana uphawu lwalo konke konke, waza wabhala umbhalo okhululekileyo ngolu hlobo, lokokuba, “UNkskz. Branham akanaphawu lwathumba, naphina konke konke.”

<sup>159</sup> Owu, umbulelo kuThixo! Lena yimini yombulelo, kum. Ukwazi, ngaphezu koko, okokuba ngenye imini oba buso buncinci endathi ndabutshata phaya, uzuko kuThixo, ngenye imini ezi ziva zobudala zokufa ziyakunyamalala, kwaye siyakuba phaya kwimfano yobutsha, kwaye kungasokuze kwakhona sibe badala. Kwaye isipho sikaThixo, ngoYesu Kristu, soMoya oyiNgewele esithe sasizuka ngoku, siso esisinika le, le ankile.

<sup>160</sup> Kwaye khangalani kuyo namhlanje, zihlobo. Nithetha ngabantu abanombulelo. Sifanele sibe ngabona banombulelo abantu kubantu bonke behlabathi. Ngaphandle kwempiliso ngaphandle kwezi zinto ezenzekayo, yintoni? Luqobo oluqinisekisiweyo lokuba uThixo okwamnye, ngendalo enye, iNtsika yoMlilo ekwanye, iNgelosi kaThixo ekwanye, uYesu okwamnye, namhlanje naphakade, wenza izinto ezikwanye, ngeNtsika yoMlilo, ngeGama elikwalinye. Enjani i-ankile yomphefumlo, iqinile kwaye iqinisekile! Yanga iNkosi uThixo weZulu inganisikelela ngobutyebi, wonke umntu.

Masithobiseni iintloko zethu.

<sup>161</sup> Nkosi, ndinombulelo kakhulu, Nkosi, a—andikwazi emandikutsho. Andikwazi nje ukuyivakalisa. Xa ela culo beliculwa ngethuba eligqithileyo, kwaye bona abantu becula la ngoma; entliziyweni yam, ukuxhuma nje luvuyo. Kwaye ubungqina buza phezu kwentliziyweni yam. Kwaye ngoku, Bawo waseZulwini, Wena wazi ezi zinto ziyinyaniso. Wena waziyo, ukusuka emazantsi entliziyweni yam, ukuba, nokokuba

okuya kuyinyaniso. Andinasizathu, Nkosi, sokubaxelela nanto kuphela oko kulungileyo. Kwaye ndiyathandaza, Thixo, okokuba namhlanje . . . yanga intliziyo yam ingava ngemvakalelo ukubona bonke aba bazalwana bangamaKristu noodade apha, abangabazalwana bam noodade kumakhamandela kaKristu, bevuya kunye nam, ngombulelo, ngeqabana lam elincinci [Indawo engananto kwiteyiphu—Mhl.] esindisiwe. [Indawo engananto eteyiphini.] . . . umhlaba udumisa uThixo. Indalo mayidumise uThixo! Mayithi yonke into enomphefumlo, idumise uThixo kwaye ibe nombulelo ngeli xesha likhulu esinalo.

<sup>162</sup> Thixo Othandekayo waseZulwini, phaya ndibona kukho inkwenkwe encinci ihleli apha kwisitulo samavili. Kukho nabanye khona apha abagulayo nabanesidingo. Kwaye njengokuba unguThixo wosindiso lwemiphefumlo yethu, unguThixo ophilisa zonke izifo zethu neenkxwaleko zethu. Kwaye Use . . . ngobu bungqina, nje obunye okanye obubini, xa beyidwelisa kumawaka, okokuba othobekileyo umkhonzi Wakho ukubonile Wena uyenza kwaye uyenza, kungekho nalinye ibala, naphina. Kwaye siyayazi ukuba Wena usengueJehovah-Jireh, kwaye sele Ubonelele ngeDini ukwenzela impiliso. Kwayena uThixo owasusa ithumba kwicala lomfazi wam, Usekangako ukuba nguThixo kanye apha eShreveport njengoko Unjalo eTucson; kwaye noko ndandiziimayile, amawaka amabini eemayile ukusuka kuye ngela xesha. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba uBukhona Bakho obungewele buyakuzalisa lomnquba namhlanje, ngaMandla empiliso, ayakuphilisa wonke umntu ogulayo olapha, okokuba ezi ntsikelelo zemibulelo inga ingaqhubekaka ukuvakala, emva naphambili, ukunqumleza isizwe, Nkosi, okokuba unguYe izolo, namhlanje naphakade. Siphe oko, Thixo onguNaphakade.

<sup>163</sup> Ngoku njengoko nina bantu nihleli apha, bekani izandla omnye phezu komnye nithandaze. Qhagamshelanani ngobunye bokholo eBukhoneni bukaThixo, kwaye nikhumbule ukuba ngamnye kuni unenyhweba. UThixo uyakundigweba, ekubeni ndinixelele inyaniso okanye hayi. Yakhe yasilelela na, ndakhe ndanixelela nantoni kuphela koko kwenzekayo?

<sup>164</sup> NjengoSamuweli watshoyo ngela xesha, njengoko babezakwenza u—ukumkani, uSawule. Wathi, “Ingaba ndakhe ndanixelela nanye into eGameni leNkosi, kuphela koko kwenzekayo? Ndakhe ndangqiba imali yenu, ukwenzela ukutya kwam?” “Hayi, Samuweli, kodwa sisafuna ikumkani. Sisafuna eyethu yasemhlabeni ikumkani.” Kwaye uSamuweli wayazi ukuba uThixo waye nguKumkani.

<sup>165</sup> Ndiyanixelela, ngale ntsasa, bakuthi, ndinizisela ingxelo, nakhe nasibona isipho sikaThixo sisilela ngaxesha lithile, oko sikufunda ngako ngale ntsasa? Hayi, mhlekazi. NguYesu Kristu, ayinakusilela. Inzululwazi iyibonakalisile. Ibandla liyayazi. Kwaye Yena ulapha kanye ngoku, kanye kulo mzuzu. Yena

ulapha. Kwaye kuphela kwento esilelayo lukholo lwakho luchole  
ela Lizwi lize liLithambisele wena, kwaye Uyakuniphilisa.

<sup>166</sup> Kwaye ngezandla zenu omnye komnye, dandulukani  
kuThixo, ngentliziyo yenu yonke, nithi, “Nkosi Thixo, Mdali  
wamazulu nomhlaba, Wena Onokumisa isaqhwithi, amawaka  
amabini eminyaka eyagqithayo, Uyenzile kwaye Uyayenza  
kwakhona kanye ngoku. Kwaye uyekise ukugula kwam.  
Undiphilisile. Kwaye ndinombulelo entliziweni yam ngaWe,  
Thixo Somandla.”



*UBUNQINA* XHO63-1128M  
(Testimony)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngoLwesine kusasa, ngoNovemba wama-28, we-1963, eLife Tabernacle eShreveport, Louisiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2021 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)